INCWADI YOKUFUNDISA NGOLWAZI LWAMAGATYA

WAMA-2015-2016

Ishicilelwe ngokungqamene noMthetho wama-2000 wokuKhuthaza ukuFumaneka koLwazi

OoSAQA: INCWADI YOKUFUNDISA NGOLWAZI LWAMAGATYA

Isiqulatho

A. Imisebenzi nobume booGunyaziwe beziQinisekiso zeMfundo boMzantsi Afrika [Candelo le-14(1)(a)] 3

B. Iinkcukacha Zonxibelelwano [Candelo le-14(1) (b)] 5

C. Isikhokelo secandelo le-10 [Candelo le-14(1)(c)] 6

D. Ilungelo lokufikelela kumaxwebhu agcinwe ngoo-SAQA [Candelo le- 14(1)(d)] ... 6

E. Iinkonzo ezikhoyo nohlobo lokuzifumana 9

F. Amalungiselelo avumela ukubandakanyeka koluntu ekuqulunqeni inkqubo nasekuphatheni [Candelo le-14(1)(g)] 10

G. Izilungiso ezikhoyo ukuba uMthetho oKhuthaza ukuFikelela kuLwazi awulandelwanga [Candelo le-14(1)(h)] 10

A. Imisebenzi nobume booGunyaziwe beziQinisekiso zeMfundo boMzantsi Afrika (SAQA) [Candelo le-14(1)(a)]

(I) Imisebenzi yoo-SAQA ngokoMthetho wama-67 weNQF wama-2008

Oo-SAQA kufuneka, ukuze iqhubele phambili iimbono ze-NQF:

(a) Enze imisebenzi yayo ngokwaloMthetho; kwaye ongamele ukusetyenziswa kwe-NQF aze aqinisekise ukuphunyezwa kweembono zakhe;

(b) Acebise uMphathiswa weSebe lezeMfundo ePhakamileyo noQeqesho kwimiba ye-NQF ngokwalo Mthetho;

(c) Avumelane nenkqubo emiselwe nguMphathiswa ngokwecandelo le-8(2)(b);

(d) Qwalasele imikhombandlela yoMphathiswa equlathwe kwicandelo-8(2)(c);

(e) Ongamela ukwenziwa kwe-NQF ngokokuhambisana ngokwenziwa kohlahlo olulungiswe ngoo-SAQA emva kokubonisana nee"QC";

(f) Phuhlisa indlela yokusebenzisana ekhokelela kubudlelwane phakathi koo-SAQA nee"QC", emva kokubonisana nee"QC" nokuthathela ingqalelo iimbono zoo-SAQA ngokubekwe kwicandelo le-11 nemigaqo ebekwe kwicandelo le-33; kwaye isombulule iimpikiswano ngokubhekiselele kwii"QC";

(g) Ngokubhekiselele kwimigangatho—

(i) Iphuhlise umxholo wezichazi-mazinga ngezinga ngalinye leNQF;

(ii) Kwaye ifikelele kwisivumelwano kumhxolo wee"QC";

(iii) Papashe izichazi-mazinga ezo kuvunyelwene ngazo kwiGazethe; ize

(iv) Iqinisekise ukuba zihlala zihambisana namaxesha kwaye zifanelekile;

(h) Ngokubhekiselele kwiziqinisekiso zemfundo—

(i) Phuhlisa kwaye yenze inkqubo nomgaqo wokugweba emva kokubonisana nee "QC" ukuphuhlisa, ukubhalisa kunye nokupapasha iziqinisekiso zemfundo kunye neziqinisekiso zemfundo ezingaphelelanga ekufuneka ziquke iimfuneko ezilandelayo:

(a) Isikhokelo esingezantsi esinxulumeneyo kufuneka sichazwe nakweliphi ixwebhu elimalunga nobhaliso nopapasho lwesiqinisekiso semfundo okanye isiqinisekiso esingaphelelanga; kwaye

(b) Isikhokelo esingezantsi esinxulumeneyo kufuneka sibeneendidi zamagama acacileyo eentlobo zeziqinisekiso zemfundo afanele isikhokelo esingezantsi esinxulumeneyo okwenziwa kumazwe angaphandle;

(ii) Bhalisa isiqinisekiso okanye isiqinisekiso esingaphelelanga ephakanyiswe zii "QC" ukuba iyahambelana nesikhokelo sokugweba;

(iii) Phuhlisa inkqubo nesikhokelo sokugweba emva kokubonisana nee "QC" ukuvavanya, ukuxatyiswa kwemfundo yangaphambili kunye nokwaphulelwa

ezinye izifundo nokudluliselwa;

(i) Ngokumayelana namaqela obuchule—

(i) Phuhlisa wenze inkqubo nesikhokelo sokugweba ukwazi iqela lobuchule kwa nokubhalisa uyilo lobuchule ngokwalo Mthetho, emva kokubonisana namaqela abaxelengi abazimeleyo nabangazimelanga abazincutshe kumacandelo okusebenza kunye nee “QC”; kwaye

(ii) Ukwamkela iqumrhu lobuchule kunye nokubhalisa uyilo lwalo lobuchule ukuba isikhokelo sokugweba esiqulathwe kumhlathana (i) senziwe;

(j) Ngokumayela nobudlelwane bamanye amazwe—

(i) Sebenzisana noogxa bayo bamanye amazwe kwimiba yonke yezinto ezinika umdla kubo bonke ezibandakanya iziqinisekiso izikhokelo zobume zezifundo; kunye

(ii) Nokwazisa ii “QC” namanye amaqela anomdla ngokusebenza kwamanye amazwe angaphandle ekuphuhliseni nasekulawuleni izikhokelo zobume beziqinisekiso zemfundo;

(k) Ngokumayela nophando—

(i) enza okanye gunyazisa uphando kwimiba yokubaluleka kuphuhliso nokwenziwa kwe-NQF, kuquka nefuthe lezifundo zethuba elithile kwi-NQF kwimfundo, kuqeqesho nakwingqesho yaseMzantsi Afrika; ikwa

(ii) papasha iziphumo zophando ekubhekiswe kuzo kumhlathana;

(l) Ngokumayela neenkcukacha zemfundo noqeqesho, ukugcina uvimba kazwelonke weenkcukacha zabafundi oquka iziqinisekiso zemfundo zikazwelonke, iziqinisekiso zemfundo, iziqinisekiso zemfundo ezingaphelelanga, ukuphumelela kwabafundi, amaqela aziwayo obuchule, uyilo lobuchule kunye nolwazi olunxulumeneyo;

(m) Ngokoyamene neziqinisekiso eziphuma kumanye amazwe angaphandle, enza uvavanyo neenkonzo zengcebiso ehambisana nalo Mthetho; kunye

(n) Ngokumayela kweminye imiba-

(i) yazisa uluntu nge-NQF;

(ii) enza nawuphi na omnye umsebenzi ofunwa ngulo Mthetho; kwaye

(iii)enza nawuphi na umsebenzi uMphathiswa anokuwuchonga, ohambelana nalo Mthetho.

OoSAQA kufuneka bafake, ngowama okanye phambi kwama-30 wenyanga yeSilimela kunyaka ngamnye, kuMphathiswa, ingxelo yonyaka equka ingxelo ngezemali kunye nengxelo yophicotho-zincwadi.

(II) Ubume booSAQA

Yintoni uGunyaziwe weziQinisekiso zeMfundo woMzantsi Afrika?

UGunyaziwe weziQinisekiso zeMfundo woMzantsi Afrika(SAQA) ngumqondisi-Mthetho –

iqumrhu elinikwe ubumthetho ngabezomthetho. IBhodi kaGunyaziwe weziQinisekiso zeMfundo yoMzantsi Afrika liqumrhu lamalungu ali-12 elonyulwe nguMphathiswa weMfundo ePhakamileyo noQeqesho. Amalungu achongwa ngabathabathi-nxaxheba abakhethiweyo bakazwelonke kwezemfundo noqeqesho.

Indima yoo-SAQA ku:

- Qhubela phambili iimbono ze-NQF;
- Ukongamela ukuphuhliswa okubhekele phaya kwe-NQF; noku
- Hlanganisa izikhokelo ezingezantsi.

OoSAQA benza ezi zinto zilandelayo;

- Babhalisa iziqinisekiso zemfundo neziqinisekiso zemfundo engaphelelanga;
- Basebenzisane noogxa babo bamanye amazwe kwimiba yonke enika umdla kubo bonke ebandakanya i-NQF;
- Khokela okanye bagunyazise uphando kwimiba yokubaluleka kophuhliso nokwenziwa kwe-NQF;
- Gcina uvimba weenkcukacha zikazwelonke zabafundi eziquka iirejista zeziqinisekiso zikazwelonke, iziqinisekiso ezingaphelelanga, ukuphumelela kwabafundi,
- Ukwazi amaqumrhu wobuchule,
- Bhalisa uyilo lobuchule;
- enza uvavanyo nenkonzo yezengcebiso kwiziqinisekiso zemfundo yamanye amazwe; kwaye
- bonelela ngeNkonzo yeNgcebiso ye-NQF.

B. Iinkcukacha zoqhagamshelwano [Candelo le-14(1) (b)]

IGosa loNxibelelwano looSAQA linguMlawuli oyiNtloko kwaye uSekela Gosa woNxibelelwano ngoo:

UMlawuli: Advocacy, Communication and Support (ACS)

UMlawuli: ku-Vimba weenkcukacha zabafundi kuZwelonke

Idilesi yokuhlala: SAQA House

1067 Arcadia Street

Hatfield

0083

Idilesi yeposi: Postnet Suite 248

Private Bag X06

WATERKLOOF

0145

Umnxeba: (012) 431-5000

Feksi: (012) 431-5147

I-Imeyile: saqainfo@saqa.org.za

Mnathazwe: http://www.saqa.org.za

C. Isikhokelo seCandelo le-10 [Candelo le-14(1)(c)]

Isikhokelo siya kufumaneka kwiKomishoni yoMzantsi Afrika yamaLungelo oLuntu (SAHRC) Nceda utsolise nayiphi na imibuzo kwi:

kwiKomishoni yoMzantsi Afrika yamaLungelo oLuntu:

ISebe lezoPhando namaXwebhu

IDilesi yePosi: Ibhokisi yabucala 2700

Houghton

2041

Umnxeba: (011) 877 3750

Feksi (011) 403 0668

Mnathazwe: www.sahrc.org.za

I-imeyile: PAIA@sahrc.org.za

D. Ukufikelela kwiinkcukacha ezigcinwe ngooSAQA [Candelo le-14(1)(d)]

(III) Izibhengezo ezingacelwayo [Candelo le-14(1)(e)]

Amalungu oluntu angazifumana iinkcukacha ezidweliswe ngezantsi ngaphandle kokuba babe bagcwalisa ifomu yesicelo yolwazi eshicelelwe kwiGazethi kaRhulumente [Saziso. Rhulumente R187- 15 eyoMdumba wama-2002] (Form A).

Qaphela okunye okushicelelwe ngooSAQA kuyathengiswa ukubuyekeza iindleko zoshicelelo kwaye abafaki zicelo baya kucetyiswa ngeendleko, ukuba kuyimfuneko, xa bebuzile.

Akukho semthethweni ukuba umfaki sicelo athengise amaxwebhu ooSAQA ukwenza ingeniso. Ukuba amaxwebhu avelisiwe kwakhona okanye akhankanyiwe, ooSAQA kufuneka bexeliwe njengabantu ekufunyenwe kubo ulwazi.

Umxholo: Ushicelelo Jikelele

Iindidi:

- Uwiso-mthetho
- Iingxelo zonyaka
- Iingxelo ezipapashiweyo
- Uhlaziyo looSAQA
- Iindaba zooSAQA
- Iinkqubo

- Ushicelelo
- Amaphepha-ngxoxo athiwe thaca kwiindibano zokucwaya/iinkomfa, nezinye.

Umxholo: Ubhaliso noKwaziwa

Iindidi:

- Amaxwebhu ezikhokelo zokugweba nemikhombandlela
- Amaxwebhu oMgaqo
- Izaziso zeGazethi kaRhulumente
- Iziqinisekiso zemfundo neziqinisekiso zemfundo ezingaphelelanga ezibhalisiweyo

Umxholo: UVimba weeNkcukacha zabaFundi kuZwelonke (NLRD)

Iindidi:

- Amagama amalungu eBhodi yooSAQA
- Abalingani abaQinisekisiweyo boVavanyo bokuLunga namagama abaphathi babo
- Abanikezeli abaQinisekisiweyo bezeMfundo noQeqesho
- Onke amazinga eziqinisekiso zemfundo namacandelwana
- Iziqinisekiso zemfundo namazinga amacandelwana asele ephelelwe ngumhla wokubhalisa
- Iziqinisekiso zemfundo neziqinisekiso zemfundo ezingaphelelanga phakathi kweziphakamiso zee “QC” nobhaliso lwe-NQF

Umxholo: Iziqinisekiso

Iindidi:

- Iziphumo ezikhutshelweyo zabafundi
- Iziqinisekiso ezininzi

(IV) Iinkcukacha ezinokufuneka [Candelo le-14(1)(d)]

Inkcaza yemixholo neendidi zeenkcukacha ezigcinwe ngooSAQA ezinokwenzelwa isicelo ngokwesahluko se-4, candelo lama-34 (1) woMthetho wokuKhuthaza ukuFumaneka koLwazi wama-2000.

Umxholo: Ezengqesho

Iindidi:

- Imigaqo neenkqubo yezengqesho
- Amaxwebhu engqesho

Umxholo:Ezemali noLawulo

Iindidi:

- Imigaqo neeknqubo
- Amaxwebhu neengxelo zezimali

Umxholo: iBhodi yooSAQA

Iindidi:

- Izigqibo
- Iingxelo ezipapashiweyo
- Imithetho yeenkqubo

(V)Inkqubo yokufaka isicelo

Umntu owenza isicelo uza kuvulelwa kumaxwebhu ooSAQA ukuba:

- Umfaki sicelo uyahambisana nazo zonke iimfuno zenkqubo kuMthetho obhekiselele kwisicelo sokufikelela kolo xwebhu, kwaye
- Ukufikelela kolo xwebhu lwaliwe ngazo naziphi na izizathu ezichaphazelwe kuMthetho we-2 wama-2000 wokuKhuthaza ukuFumaneka koLwazi.

Uhlobo lwesicelo:

- Umfaki sicelo kufuneka asebenzise ifomu eshicelelwe kwiGazethi kaRhulumente[Saziso.Rhulumente R187-we- 15eyoMdumba wama-2002] (iFomu A);
- Umfaki sicelo kufuneka achaze ukuba isicelo sesekopi seenkcukacha okanye ukuba ufuna ukuba aze kujonga kwiinkcukacha kwii-ofisi zooSAQA kusini na;
- Okanye ukuba iinkcukacha ayiiloxwebhu iya kujongwa kwifomu eceliweyo, xa imeko ivuma [s 29(2)];
- Ukuba umntu ufuna ukufikelela kuhlobo oluthile yena ke uya kufuneka ukuba afikelele ngohlobo acele ngalo, ngaphandle kokuba ngokwenza njalo kuya kuphazamisana ngokungacingekiyo nokulawulwa kooSAQA, okanye kumoshe iinkcukacha, okanye ichaphazele ilungelo lombhali lokushicelela elilodwa elingelilo elooSAQA. Ukuba ke ngezizathu ezibonakalayo, ukufikelela akunikwa kuhlobo olufunwayo kodwa lube lukhona kolunye uhlobo, ngoko ke iindleko kufuneka ukuba zibalwe ngokwalendlela umfaki sicelo aqale wacela ngayo [s 29(3) and (4)];
- Ukuba kukongeza kwimpendulo ebhaliweyo kwizicelo zabo zeenkcukacha, umfaki sicelo ufuna ukuba abe waziswa ngesigqibo nangalo neliphi uhlobo, umz: ngomnxeba, oku kufuneka ukuba kuchazwe [s 18(2)(e)];
- Ukuba umfaki sicelo ufuna ufunela omnye umntu, kufuneka achaze ukuba usenza ngabuni eso sicelo [s 18(2)(f)];

- Ukuba umfaki sicelo akakwazi ukufunda okanye ukubhala, okanye ukhubazekile, yena ke uya kufuneka ukuba asenze eso sicelo ngomlomo. Igosa lonxibelelwano liya kufuneka ke ligcwalisele ifomu umfaki sicelo lize limnike ikopi [s 18(3)].

Intlawulo yesicelo nentlawulo yokufikelela zintlobo ezimbini ezifuneka ukuba zihlawulwe ngokoMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi s22:

- Umfaki sicelo ofuna ukufikelela kwiinkcukacha eziqulathe ulwazi lwakhe ngenkqu akufuneki ukuba enze intlawulo yesicelo. Bonke abanye abafaki zicelo babanye abantu, kufuneka ukuba benze intlawulo yesicelo;
- Igosa lezonxibelelwano kufuneka lazise umfaki sicelo (ngaphandle kobezenzela isicelo) ngemfuneko yomfaki sicelo ukuba enze intlawule leyo ekufuneka ayenze (ukuba ikhona) phambi kokuba aqhubekele phambili ngesicelo;
- Intlawulo yesicelo eyenziwa kwiqumrhu loluntu ngama-R35. Umfaki sicelo angafaka isibheno sangaphakathi, ukuba kulungile, okanye isicelo eso angasisa kwinkundla yamatyala ukulwa isiniki xabiso okanye ukwenza intlawulo yesicelo;
- Emva kokuba igosa lonxibelelwano lisenzile isigqibo kwisicelo umfaki sicelo kufuneka ukuba aziswe ngeso sigqibo ngohlobo umfaki sicelo acele ukuba aziswe ngalo;
- Ukuba isicelo samkelwe, intlawulo elandelayo yokufikelela kufuneka yenziwe ukukhangela, ukulungiselela, ukuvelisa, kunye nangalo neliphi ixesha eligqithisileyo kwiiyure ezibekelwe ukukhangela kunye nokulungiselela iinkcukacha eziza kubhengezwa.

E. Iinkonzo ezikhoyo nendlela yokufikelela kuzo

OoSAQA banikezela ngezi Nkonzo zilandelayo kuluntu:

- Ukuvavanywa kweziqinisekiso zemfundo zamanye amazwe ukuze kuqinisekiswe ukuhambelana nezaseMzantsi Afrika;
- Iziko loLwazi lineencwadi, oovimba beekhompyutha kunye nengqokelela yoomabonakude, liphende lisebenze njengovimba wezinto zonke ezinxulumene noshicelelo looSAQA neNQF;
- Umnathazwe wooSAQA ukwa lawulwa liziko. Inolwazi ngooSAQA nange-NQF, kuquka ushicelelo, amaxwebhu emigaqo neziqinisekiso zemfundo namazinga;
- UKumela, uNxibelelwano neNkxaso (ACS) kunikezela ngolwazi ngooSAQA kwaye iintshukumo zabo kuquka ukuphuhlisa nokulawula ubuchule bonxibelelwano;
- Inkonzo yeNgcebiso ye-NQF ibonelela ngolwazi ize icebise ngeziqinisekiso

zemfundo nangeendlela zokufunda;

- Ukubhalisa noKwazi (DRR) lunoxanduva lokuvavanya ize isebenze ngezicelo ukwamkela amaqumrhu obuchule nezikhundla zobuchule;
- Iinkozo zoQinisekiso zooSAQA zibonelela ngeziphumo ezikhutshelweyo zokuphumelela kuVimba weeNkcukacha zabaFundi kaZwelonke kwiziqu nakwiinkonzo zoluntu kananjalo nakumaqela abucala;
- Lo vimba (NLRD) uqulathe ulwazi nge:
  - Ziqinisekiso zemfundo neziqinisekiso ezingaphelelanga ezibhaliswe kwi-NQF
  - Abalingane abaQinisekisiweyo bokuVavanya ukuLunga
  - Ababoneleli abaQinisekisiweyo bezeMfundo noQeqesho
  - Abafundi abaziziqu neempumelelo zabo
  - Amagama amalungu eBhodi yooSAQA kwakunye nabalawuli ba
  - Balingani abaQinisekisiweyo boVavanyo lokuLunga kunye nababoneleli ngeMfundo noQeqesho.

Ulwazi oluthe vetshe ngezinkonzo lungafumaneka kumnathazo wooSAQA (www.saqa.org.za). Imibuzo ingathunyelwa ne-imeyile ku: saqainfo@saqa.org.za okanye utsalele umnxeba kwiDesika yoNcedo kule nombolo 086 010 3188.

F. Uhlengahlengiso oluvumela ukubandakanyeka koluntu ekucacisweni komgaqo nokusetyenziswa kwamandla okulawula [Candelo le-14(1)(g)]

OoSAQA bazinikezele kwinkqubo yokubandakanya uluntu kwiinkqubo zonke ngezi ndlela zilandelayo:

- Amaxwebhu omgaqo namaxwebhu esikhokelo sokugweba apapashwe kwiGazethi kaRhulumente ukuze uluntu luphefumlo ngayo phambi kokuba ipasiswe;
- Iindibano nokucweya neenkomfa zibanjwa rhoqo.

G. Izilungiso ukuba ubonelelo loMthetho wokuKhuthazwa kokuFikeleleka kuLwazi alwenziwanga [Candelo le-14(1)(h)]

OoSAQA, liqumrhu loluntu elenza imisebenzi yoluntu ngokowiso-thetho (jonga isichazi sequmrhu loluntu kwiCandelo 1 mhlathi (b) woMthetho wokuKhuthazwa kokuFikelelwa kuLwazi), elingenazo iinkqubo zangaphakathi zezibheno. Kungayiwa kwiinkundla zamatyala kwimiba apho kungekho kuhambelana nokubonelela kwalo Mthetho.